IsiHlomelo A

Iimbono malunga neVeki yoKwazisa ngaMakhondo omSebenzi kumaBakala 7 – 9 ngomhla we-9 ukuya kowe-13 kuOktobha 2017

1. Abafundi beBakala 7 banganxiba ngendlela eqhele ukunxulunyaniswa nekhondo lomsebenzi elithile okanye nomsebenzi othile, njengowokuba ngumcimi-mlilo(*firefighter*), lipolisa, ngugqirha okanye ngumchweli (*carpenter*). Abafundi abangenako ukufumana uhlobo oluthile lwesinxibo banokufaka ilebhile ukubonisa amakhondo omsebenzi abo. Abafundi bangenza uphando ngamakhondo omsebenzi abawuthandayo, babhale ngawo baze bathi ngoSuku lokuNxiba ngokweKhondo loMsebenzi (*Career Dress-up Day)* benze inkcazo-ntetho bathethengophando lwabo.

2. Izikolo zingenza ikona yomboniso ngamakhondo omsebenzi kwiiklasi zamaBakala esi-7 ukuya kwawe–9, apho kuboniswa kuyo ingcaciso ngamakhondo omsebenzi ahluka-hlukeneyo.

3. Izikolo zingacela izithethi ukuba zize kunika abafundi ingcaciso ngeemfuno zamakhondo omsebenzi ahluka-hlukeneyo. Oku kufuneka kwenzeke ngaphandle kokuphazanyiswa kweeklasi zesiqhelo, ekubhetele kakhulu ngexesha leklasi yesifundo soLwazi ngezoBomi, emva kwexesha lesikolo, ngeempela-veki okanye ngeendibano zabazali zangokuhlwa (*parents-learner evenings*).

4. Kungacelwa abacebisi ngezamakhondo omsebenzi bathathe inxaxheba kwintlanganiso yabazali nabafundi ngokuhlwa kwiveki yema-9 ukuya kweyama–13 kuOktobha 2017.

5. Ootitshala besifundo soLwazi ngezoBomi banganika umsebenzi osekelwe kumxholo othi "UkuQhelaniswa neLizwe leMpangelo" ("*Orientation to the World of Work"*) njengenxalenye yovavanyo lwabafundi olumiselweyo (*formal assessment*). Iprojekthi ingayeyona nto ibhetele.

6. Ootitshala beelwimi bangayisebenzisela le veki ukuba abafundi benze iinkcazontetho zomlomo (*oral presentations*) okanye ezibhaliweyo (*written*) ngamakhondo omsebenzi abo exesha elizayo.

7. Izikolo zingaququzelela ukhuphiswano lokubhala isincoko. Abafundi mababhale isincoko esinamagama ali-100 ngekhondo lomsebenzi abanqwenela ukulilandela. Ezona zincoko zigqwesileyo zingafumana amabhaso.

8. Bonke abafundi kufuneka benze imisebenzi efumaneka kwibrowutshi yeVeki yoKwazisa ngaMakhondo omSebenzi (*Career Awareness Week brochure*) equka ukuzibekela umgangatho kunye nemisebenzi yophando ngamakhondo (*Goal-setting and Career Research Activities*).

9. Izikolo ezinazo iziseko zophuhliso eziyimfuneko zinokukopela (*download*) i-*PACE Career Exploratory Questionnaire* ekwi-intanethi ngokungena kwi-*PACE Career Website* apha www.gostudy.co.za okanye ngokuya kwi-*Western Education Department Curriculum Website* apha www.curriculum- dev.wcape.school.za ze emva koko ziklikhe phantsi kwesihloko *Curriculum GET, ziklikhe ku-Life Orientation olandelwa kokudityaniswa no-Life Orientation olandelwa ngu-Pace Career*. Abafundi bangakwenza konke oku kwiselula zabo ezikumgangatho ophezulu (*smartphones*) ku-www.gostudy.mobi. Kufuneka basebenzise le website ukufumana umkhondo wemisebenzi: www.educonnect.co.za.

Ukuba ufuna nayiphi na ingcaciso engaphezu koku okanye unqwenela ukwabelana nathi ngeembono zakho, kucelwa uqhagamshelane noMnu Ismail Teladia kule dilesi ye-imeyili ilandelayo: Ismail.Teladia@westerncape.gov.za